*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*USloth Vilavoco*
Illustrated by Graham Paterson
Written by Paul Kennedy
Designed by Nick Mulgrew
Edited by Arthur Attwell and Tarryn-Anne Anderson
Translated by Nal'ibali
with the help of Book Dash participants in Cape Town on 10 May 2014.

ISBN: 978-0-9922357-1-0

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# USloth Vilavoco

**Paul Kennedy, Nick Mulgrew & Graham Paterson**

Ngenye imini, kwafika uSloth Vilavoco endwendwele.

Wathi, “Ndiyozela! Ndifuna isebe elihle, endingalala kulo!”



“Ndilichule lokugwencela.
Ukujinga yinto endiyaziyo.

Kodwa ukulala, yeyona yona
nto ndiyithandayo!”



“Eli sebe likhangeleka lilungile!
Ndicinga ukulala kulo.

Wena? Ingaba awutsho ukuba
yingcinga efanelekileyo leyo?”



“Hayi ndiyala, Sloth Vilavoco! Kukho indlulamthi etya apho!

Iya kucinga ukuba ulisebe lomthi, ze iqalise ukutya uboya bakho!”



“Eli sebe likhangeleka lilungile!
Ndicinga ukulala kulo.

Wena? Ingaba awutsho ukuba
yingcinga efanelekileyo leyo?”



“Hayi ndiyala, Sloth Vilavoco!
Kukho indlu yeenyosi apho!

Soze ulale lelo bubu leenyosi
zibhubhuzela apho!”



“Eli sebe likhangeleka lilungile!
Ndicinga ukulala kulo.

Wena? Ingaba awutsho ukuba
yingcinga efanelekileyo leyo?”



“Hayi ndiyala, Vilavoco Sloth.
Yinyoka leyo.

Ayilosebe elo! Usizana
lwenyoka. Ulothusile noko.”



“Eli sebe likhangeleka lilungile! Ndicinga ukulala kulo.

Wena? Ingaba awutsho ukuba yingcinga efanelekileyo leyo?”



"Hayi ndiyala, Vilavoco Sloth.
Kukho intaka eculayo apho.

Soze ulale yiloo ngxolo
ilapho!"



“Zama ukunyuka uye kwelinye isebe, Vilavoco Sloth!” batsho bonke.

Kanti ke elo yayilelona sebe limlungeleyo, njengoko nabo batshoyo bebonke.



Intaka nenyoka, indlulamthi nenyosi nganye-nganye, bakuvuyela ukundwendwelwa nguVilavoco Sloth, emthini wabo.

